## QAPHELA

- Esi sikhokelo sokumakisha senzelwe ukuba sibe sisikhokelo kubamakishi.
- Asenzelwanga ukuba sibe ngummiselo ogqibeleleyo.
- Iimpendulo zabafundi mazithathelwe ingqalelo ngokokuchaneka kwazo.
- Iimpendulo mazihlolwe ngokupheleleyo namanqaku anikezelwe apho kufuneka anikezelwe khona .

## IMIYALELO KUBAMAKISHI

**Umakisho lwesicatshulwa sokuqonda:**

1. Ngenxa yokuba kugxininiswa ekufundeni ngokuqonda, akufanelekanga ukuba upelo olugwenxa neemposiso zolwimi kwiimpendulo zezivakalisi zinyityelwe amanqaku ngaphandle kokuba ezo ziphene zitshintsha intsingiselo yempendulo elindelekileyo. Iimposiso ezikhoyo maziqatshelwe ngokukrwelelwa.

2. Kubaviwa abasebenzisa amagama athatyathwe kolunye ulwimi ngobunjalo bawo, olungesiso isiXhosa, musa ukuwathathela ingqalelo lawo magama anjalo, kananjalo banganyityelwa manqaku xa ngaba iimpendulo ezinikiweyo zinembadla. Ngokunjalo ukuba igama elisuka kolunye ulwimi lusetyenziswe kwitekisi kwaye impendulo ifuna elo gama, oko kwamkelekile.

3. AKUNIKWA manqaku ngeempendulo ezingu-EWE/HAYI, NDIYAVUMA/ANDIVUMELANI kuphela. Anikwa kuphela ngesizathu/ukuxhasa/nokuzakuzela impendulo.

4. AKUNIKWA manqaku ngeempendulo ezingu-YINYANI/BUBUXOKI, okanye YINYANI/LULUVO kuphela. Anikwa kuphela ngesizathu/ukuxhasa/ nokuzakuzela impendulo.

5. Apho kulindeleke iimpendulo ezigama linye aze umviwa anike isivakalisi, nika amanqaku **ukuba ngaba** igama elifanelekileyo likrwelelwe umgca ngaphantsi okanye ligqanyisiwe.

6. Kwimibuzo apho kulindeleke iimpendulo ezimbini/ezintathu, aze umviwa adwelise uluhlu lweempendulo, makisha **kuphela** ezimbini/ezintathu zokuqala.

7. Iilwimi zengingqi neziyelelani zesiXhosa zamkelekile.

8. Kwimibuzo ekulindeleke ukuba umviwa akhethe impendulo echanekileyo, makwamkelwe zombini, ukutsho oko unobumba ohambelana nempendulo echanekileyo KUNYE/OKANYE nempendulo echanekileyo ebhalwe ngokuzeleyo.

## ICANDELO A: ISICATSHULWA A

1. 1 Kufuneka umntu aphakame angalindeli ukuba aqhutywe okanye aqale abetheke ukuze enze izinto. √ (1)

1.2 Kukugxininisa.√√/ Kukugxininisa ukuba ukuqulunqa ubomi bakho kuxhomekeke kuwe.√√/ Kukubethelela uluvo lokuba ukuqulunqa ubomi bakho kuxhomekeke kuwe.√√/Kukuqaqambisa uluvo lokuba ukuqulunqa ubomi bakho kuxhomekeke kuwe.√√/ Kugxininisa ukuba umntu nguye buqu omakathathe uxanduva ngempumelelo yakhe.√√

(Nayiphi na kwezi) (2)

1.3 'Abantu abaphumelelayo bakwenza oko ngokungasoli mntu, nazimeko okanye imfuzo ngokwenzeka ebomini babo.'√

(1)

1.4 Yeyokuzifaka ezihlangwini zomntu.√√ /Yinjongo yokuzibandakanya.√√ / Kukuveza ukuba akubhekiswanga komnye umntu kodwa nguwe lo uza kuthatha uxanduva.√√

(Nayiphi na kwezi) (2)

1.5 Abantu abaphumelelayo bachitha ixesha namandla abo kwizinto abakwazi ukuzilawula kuphela baze abangaphumeleliyo bachithele ixesha labo kwizinto abangenalo ulawulo lwazo kuze kube nzima ukuphumelela.√√ (2)

1.6 Kukuqala ngezinto zokuqala nokuzikhetha ngobuchule izinto emazenziwe.√ (1)

1.7 Intsingiselo yokuba umntu uzenza ngokwakhe.√/ Sinika intsingiselo yokuba isenzo senziwa yintloko kwakuyo.√

(Nayiphi na kwezi) (1)

1.8 A√/ A-intsebenziswano endaweni yokhuphiswano√/ Intsebenziswano endaweni yokhuphiswano.√

(Nayiphi na kwezi) (1)

1.9 Kukurhweba abantu.√√Kukurhwebela abafunda isicatshulwa kuluvo lombhali.√√/Kukuqaqambisa uluvo.√√Kukuqaqambisa/ ukubaluleka kwesakhono sokuphulaphula.√√/Kukubethelela ingcamango.√√/ Kukubethelela ukuba alukho ulolongo olwenzelwe ukuba abantu baqondane nzulu.√√/Usetyenziselwe ukuba ubani azikhangele ukuba undawoni ekubaqondeni/ Kukunika abantu ithuba lokuzikisa ukucinga ngoko kuthethwayo.√√/Kukulobela iingqondo zabantu kule nto ithethwayo ukuba bayithathele ingqalelo.√√/
Kukuqweqwedisa abantu./Kukubonisa ukuba alukho ulolongo olwenzelwa ukuphulaphula.√√/ Injongo yokwenza ukuba abanye abantu baqale baziqonde

xa bengababahoyanga abanye abantu. √√

(Nayiphi na kwezi) (2)

1.10 Enye indlela abayenza ngayo le nto.√√/Okanye.√√/Ukongeza.√√/Kanti.√√ Endaweni yoko.√√/ Ngapha koko.√√

(Nayiphi na kwezi) (2)

1.11 Ekugqibeleni √ (1)

1.12 Luluvo kuba akukho bungqina buxhasa ubunyani bayo.√√ (2)

1.13 Kukuzihlaziya ngokwasemzimbeni√/ngokwasentlalweni√/ ngokwasemphefumlweni / kwasengqondweni√/nangokwasemoyeni.√

(Nasiphi na isibini kwezi) (2)

1.14 Ndiyangqinelana kuba baninzi abantu abangonwabanga ngenxa yeemeko zokuphila, loo nto ikhokelele ekubeni babe ngamaxhoba eziyobisi okanye benze izinto ezingababaphuhlisiyo. /Ndiyangqinelana kuba abantu abaninzi basoloko bexakeke ngabo, bengafuni ukubona omnye umntu ephumelela, befuna udumo lwabo bodwa kwaye abakwazi kunceda mntu bazixakekise ngezinto abangenalo ulawulo lwazo. √√

**OKANYE**

Andingqinelani kuba bakwabaninzi abantu abenza izenzo ezineempembelelo ezintle kubo nakwabanye abantu ukuze baneliseke bonwabe.√√

(Nayiphi na impendulo echanekileyo) (2)

1.15. Sinako kuba umbhali wenqaku uyaxhobisa kumhlathi ngamnye ngezithako ezinokusetyenziswa ukuze umntu aphumelele √√

**OKANYE**

Hayi asinako/ Asinako ukutshintsha abantu kuba yintshumayelo nje ngezinto ezinokwenziwa kuphela kuba akukhomizekelo yabantu abaphumelele ngenxa yokusebenzisa ezi zithako.√√

(Nayiphi na impendulo echanekileyo) (2)

1.16 Abantu abakwisakhelo soku-1 babambene okanye babambisene ukunyusana ukanti abantu abakwisakhelo sesi-2 ababambisananga kuba omnye ufulathele omnye esiwa./Kwisakhelo soku-1 umntu unceda omnye ukuba afike kule ndawo akuyo naye, kanti umntu okwisakhelo sesi-2 umyekile omnye wayokubetheka phantsi √√

(Nayiphi na kwezi nendlela eyiyo yokuthelekisa) (2)

1.17 'Imbumba yamanyama ineziphumo ezingcono.√√/Ubambiswano ngamandla luphumeza iinjongo ebezingenakuphunyezwa ngumntu omnye.'√√/ 'Intsebenziswano nokwamkela iimbono zabanye abantu ziimfihlelo zempumelelo ebomini.'√√

(Nayiphi na kwezi) (2)

1.18 Isicatshulwa B siyaluxhasa olu luvo lomhlathi wesihlanu kuba kuso kukhuthazwa intsebenziswano hayi ukhuphiswano.√√/ Siyaluxhasa kuba isenzo sokuncedisana esikwisakhelo sokuqala siyangqinwa ngumhlathi wesi-5 ngoluvo oluthi ukudlelana kukusebenzisana/ Siyaluxhasa kuba isakhelo sesi-2.√√ siyangqinelana kwanalo mhlathi wesi-5 ngomqolo othi abantu bakhe bayibone impumelelo njengokhuphiswano njengoko izenzo zesakhelo sesi-2 zibonisa.√√

(Nayiphi na kwezi) (2)

**AMANQAKU ECANDELO A: 30**

**ICANDELO B: USHWANKATHELO**

**UMBUZO 2: UKUSHWANKATHELA NGAWAKHO AMAZWI**

✓ **Amanqaku abiwa ngolu hlobo lulandelayo:**

✧ Amanqaku asi-7 ngeengongoma ezisi-7. (Ingongoma nganye linqaku)
✧ Amanqaku ama-3 olwimi
✧ Amanqaku ewonke: 10

✓ **Ulwabiwo lwamanqaku olwimi xa abalingwa besebenzise amazwi abo:**

✧ 1−3 iingongoma ezichanekileyo: Nika inqaku eli-1 ngolwimi.
✧ 4−5 iingongoma ezichanekileyo: Nika amanqaku ama-2 ngolwimi.
✧ 6−7 iingongoma ezichanekileyo: Nika amanqaku ama -3 ngolwimi.

✓ **Ulwabiwo lwamanqaku olwimi xa umlingwa ecaphule njengoko kubhaliwe kwisicatshulwa:**

✧ 6−7 iingongoma ezicatshulweyo ngqo: 0 amanqaku olwimi (Akanikwa nqaku lolwimi umfundi)
✧ 1−5 iingongoma ezicatshulweyo ngqo: nika inqaku eli-1 lolwimi.

**QAPHELA**

- **Imo**

Nokuba isishwankathelo sibhalwe ngemo engachanekanga, masiphononongwe.

**Ubalo-magama**

- Abakorekishi kulindeleke ukuba baliqinisekise inani lamagama asetyenzisiweyo.
- Musa ukuthabatha amanqaku ukuba umlingwa akalibonakalisanga inani lamagama asetyenzisiweyo okanye ukuba inani lamagama libonakaliswe ngokungachanekanga.
- Ukuba udlule kwinani eliqingqiweyo, funda de uye kusigqiba isivakalisi eso, ze ungakuhoyi okulandelayo.
- Izishwankathelo ezibhalwe zazifutshane kodwa zinazo zonke iingongoma ezifunekayo okanye ezilindelekileyo mazinganyityelwa manqaku.

Ukumakisha isishwankathelo kusekwe ekugqaleni iingongoma ezingundoqo.

**UMHLATHI**

Yonke into edaliweyo iphiwe ukuba ikwazi ukuthetha ngendlela eyohlukeneyo ukugqithisa ezikucingayo. Kukho ukuqondana okwenzekayo kwizilwanyana zasekhaya nabantu de omnye nomnye abe nokuyazi intetho yomnye. Ikho imingeni yokuqondana ngentetho kwiintlanga ngeentlanga. Ukuthetha kunamacala amabini, elibi nelihle. Ubumnandi bokuthetha bubonakala kwindoda ethetha kuba ikhathazwa kukungahambi kakuhle kwemicimbi yekhaya. Ububi bokuthetha buvela xa athe omnye wahleba omnye de oko kufikelele kulowo uhletywayo. Kuyonwabisa ukuthetha kwembongi ethi iyolise ithethe ingacezeli nto kuba inegunya loko.

/70 amagama/

**Sebenzisa ezi ngongoma zingundoqo zilandelayo ekufuneka zibandakanywe ngabaviwa kwisishwankathelo njengesikhokelo.**

| | UCAPHULO | | IINGONGOMA |
|---|---|---|---|
| 1. | 'Ukuthetha sesinye sezipho zendalo ezanikwa izidalwa ukuze zibe nakho ukudlulisela oko zikucingayo, zikugqithisela kwezinye izidalwa ngokohlobo lwazo.' | 1. | Yonke into edaliweyo iphiwe ukuba ikwazi ukuthetha ngendlela eyohlukeneyo ukugqithisa ezikucingayo. |
| 2. | 'Kwezasekhaya izidalwa ezihlala nomntu imihla ngemihla, umntu ude abe nokucaphula intwana entethweni yazo, nazo zicaphule intwana kweyakhe intetho.' | 2. | Kukho ukuqondana okwenzekayo kwizilwanyana zasekhaya nabantu de omnye nomnye abe nokuyazi intetho yomnye. |
| 3. | 'Obu bunzima bokuyiqonda intetho bukho naphakathi komntu nomnye umntu xa abo bantu bahlukene ngobuhlanga.' | 3. | Ikho imingeni yokuqondana ngentetho kwiintlanga ngeentlanga. |
| 4. | 'Ukuthetha kumnandi, ukuthetha kubi.' | 4. | Ukuthetha kunamacala amabini, elibi nelihle. |
| 5. | 'Kumnandi ukuthetha kwendoda emxhelo wophukileyo ngokonakala kwezinto zakowabo.' | 5. | Ubumnandi bokuthetha bubonakala kwindoda ethetha kuba ikhathazwa kukungahambi kakuhle kwemicimbi yekhaya. |
| 6. | 'Kubi ukuthetha komntu ohlebayo obadla izithende abanye abantu, kuthi kuba umlomo awubekwa siziba, loo ntlebendwane ibuye ize kufika ezindlebeni zalowo ubehletywa.' | 6. | Ububi bokuthetha buvela xa athe omnye wahleba omnye de oko kufikelele kulowo uhletywayo. |
| 7. | 'Kumnandi ukuthetha kwembongi, ethi kuba yona inelungelo lobumbongi, ibacubhule abantu ngokuthetha izinto ezi zingathethwayo.' | 7. | Kuyonwabisa ukuthetha kwembongi ethi iyolise ithethe ingacezeli nto kuba inegunya loko. |

**(10)**

**AMANQAKU ECANDELO B: [10]**

## ICANDELO C: IZAKHI NEMIGAQO YOKUSETYENZISWA KOLWIMI

### UKUMAKISHA ICANDELO C

- Iimpendulo eziligama elinye mazimakishwe njengezichanekileyo nokuba upelo aluchanekanga, ngaphandle kokuba isiphene silahla intsingiselo efunwayo yegama.
- Kwiimpendulo ezizizivakalisi ezipheleleyo, upelo olungachanekanga luya kohlwayelwa xa isiphene sikweso sakhi solwimi sivavanywayo.
- Xa kuvavanywa izifinyezi, impendulo mayifakwe iziphumlisi ngokuchanekileyo.
- Ulwakhiwo lwezivakalisi kufuneka luchaneke ngokwemigaqo yolwimi kwaye lusetyenziswe kwizivakalisi ezipheleleyo njengoko umbuzo uyalela.
- Ngokubhekiselele kwimibuzo ekhethisa impendulo echanekileyo, (yamkela ZOMBINI, unobumba ohambelana nempendulo echanekileyo KUNYE/OKANYE impendulo ebhalwe ngokupheleleyo.)

### UMBUZO 3: UKUCAZULULA INTENGISO

3.1. Kukuhlamba amazinyo. (1)

3.2. Kwabo bafuna/ banomdla wococeko lomlomo ( amazinyo/ iintsini);
Kubantu abaxabise iimpilo yokusemlonyeni ( amazinyo/iintsini) / kumntu ofuna ukulwa iintsholongwane kumazinyo neentsini./
kumntu okholelwa kwisicoci-mazinyo secolgate. √
(**Nayiphi na kwezi**) (2)

3.3. Kukutsalela umdla kwigama layo √√ /kukuba abathengi bayo bayibone besekude √√ /kukuqaqambisa igama layo. √√
**(Nayiphi na kwezi)** (2)

3.4. Liyahambelana, kuba nalo inenekazi elikulo mfanenekiso libukeka lisempilweni √√ (2)

3.5. D √√ /D. Ikwenza ube mhle √√ / ikwenza ube mhle. √√ (1)

3.6. Kubethelela ingcinga yokuba wakuyisebenzisa le mveliso nawe uthi ube mhle.√√
**(Nayiphi na impendulo echanekileyo)** (2)
**[10]**

**UMBUZO 4: IKHATHUNI**

4.1. Yeyokuba umntu ngamnye uza kuthatha inxaxheba√√/
ufuna ukuba nencoko nomama wakhe angathethi yedwa.√√

**(Nayiphi na kwezi)** (2)

4.2. C-Ndiphulaphule√/C.√/Ndiphulaphule. √

**(Nayiphi na kwezi**) (1)

4.3. Abonakalisa ukuba uVuyo akagqibanga ukuthetha.√
intetho inqanyulwe phakathi.√/ Uphazanyiswe esathetha wayeka.√

(**Nayiphi na kwezi)** (1)

4.4. Umzobo obonisa isandi **wodlula neentloko** ezi√/
Iimpawu zomculo **zinyukile** ukusuka kwifoni √/
Uphawu oluboniswa entla kwefoni olungathi ngumsi oya **ngasentla**.√

**(Nayiphi na kwezi**) (1)

4.5. U 'TAP' ugcwele yonke indawo.√ / uTAP ubangqongile bobabini de waphezu kwetafile kwicala likaVuyo.

(**Nayiphi na kwezi**) (1)

4.6. Amehlo akhe athe gqa.√/ Izandla zivulekile.√/ Umama upheca izandla./√
umlomo uvuleke kakhulu √ umama unyuse amagxa √

(**Nasiphi na isibini)** (2)

4.7. Umama makathethathethane noVuyo ngeNdlela eyiyo yokunxibelelana√√/
Umama makavumelane noVuyo ngamaxesha okusebenzisa ifoni√√

(**Nayiphi na impendulo echanekileyo.**) (2)
**[10]**

**UMBUZO 5: IPROZI**

5.1 Limvumela.√/ Limthuma.√/ Limvula./√Limphembelela./√Limntyontyela./√ Limqhuba√/ Limyeka.√/ Limthundeza.√ limhlupheza.√

(Nayiphi na kwezi) (1)

5.2 Sikhokela isibizo.√/ Kukwandulela isibizo.√/Kukuma phambi kwesibizo√/ Ukuquka.√

(Nayiphi na kwezi) (1)

5.3 Isazela <u>siyafana/ sifana</u> nondlebende ongenasali.√ (1)

5.4 Sisebenze njengenjongosenzi/ Sisebenze njengomenziwa/ Siyinjongosenzi.√

(Nayiphi na kwezi) (1)

5.5 Ungamva umntu exelela abantu√/ukuba isazela sakhe√/asimvumeli ukuba ayenze into enjalo√/enjengaleyo.√/ (Nokususa iimpawu zocaphulo)

(2)

5.6 Sichaza ubunini.√/Sichaza ukuba isazela sesikabani/ √ Sibonisa ukuba sesikabani isichazwa.√/ Siyabanga.√

(Nayiphi na kwezi) (1)

5.7 Xa kukho ingxaki (inkathazo) √ / Akubasengxakini.√/Xa kukubi.√ **/** xa zingakuhambeli kakuhle izinto .√

(Nayiphi na kwezi) (1)

5.8 Siphuhlisa ukuba isenzo senziwa ngomnye umntu komnye.√√/Intloko yesivakalisi yiyo ekwenziwa kuyo √√ /Siphuhlisa isenzo esikwisixando sokwenziwa esenziwa kothile√√

(Nayiphi na kwezi) (2)

**[10]**

**AMANQAKU ECANDELO C: 30**

**AMANQAKU EWONKE: 70**